Isalathiso: 20200619-6583
Inombolo yefayili: 5/1/7/4
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula: 0046/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumagosa kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: Ifom yeSicelo soHambo eHlaziyiweyo (Isigunyaziso sohambo sokukhutshwa kwezithuthi zikarhulumente zeGG).

Isihloko: *Ifom yeSicelo soHambo eHlaziyiweyo (isigunyaziso soHambo)* elungiselelwe ukukhutshwa kwezithuthi zeGG

1. Le setyhula ihlaziywe yaye ikwatshitshisa yaye ithatha indawo yeSetyhula 0025/2015, yowe-10 Apreli 2015, ngokupheleleyo.

2. Ifom yeSicelo soHambo (GMT 2019-01) ihlaziywe yi*Government Motor Transport (GMT)* yaye ukwenjenje iqhotyoshelwe apha ukulungiselela ukuba iqalise ukusetyenziswa ngoko nangoko.

3. Kugunyaziswa la magosa alandelayo ngokwemigqaliselo namagunya agqithiselweyo kuwo ukuba avume izigunyaziso zeehambo:

    - AmaSekela Balawuli okanye abaphezulu kunabo kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili; kunye
    - NeeNtloko zamaCandelo kumaziko.

4. Sakuba sivunywe isigunyaziso sohambo, umphathi makazise umqhubi wesithuthi seGG ukuba abe nolwazi ngokupheleleyo ngemigqaliselo njengoko ibhaliweyo kwiSetyhula 3/3/4/P yeSebe leNkulumbuso, yowe-23 Disemba 2013.

5. Abaqhubi bezithuthi zeGG bathatha uxanduva olupheleleyo lwalo naluphi na ulwaphulo-mithetho yendlela abalwenzileyo lo gama besebenzisa izithuthi yaye mabasebenzise iithegi ezi-Orenji ze*VDO* zomqhubi ngamnye ngawo onke amaxesha, nje ukuba iithegi ziqalise ukusetyenziswa yi*GMT*.

6. Amagosa asebenzisa izithuthi zeGG makaqhoboshele ikopi yelayisensi yokuqhuba yawo yakutshanje exhuzulelwe amanqaku ngokophula umthetho wendlela (*driver's*

licence demerit points) nje ukuba kuqaliswe ukusetyenziswa ngokupheleleyo koMthetho i-Administrative Adjudication of Road Traffic Offences Act, 1998 (Act 46 of 1998), njengoko ufakelwe izilungiso, liSebe lezoThutho likaZwelonke.

7. Isigunyaziso sohambo esiphathelele ekwabelweni izithuthi zeGG ngokusisigxina sisebenza ngokusemthethweni ithuba lenyanga enye yekhalenda yaye masikhatshwe sisicwangciso sokusisebenzisa esimiselweyo. Sisemthethweni kuphela isigunyaziso sohambo kumagosa awenze imisebenzi esemthethweni yaye ngabakhweli babucala abagunyaziswe ngokusemthethweni ukuba bahambe namagosa agunyazisiweyo.

8. Isigunyaziso sisebenza ngokusemthethweni kuphela ukuba inombolo yesigunyaziso yesebe ikhutshiwe ligosa lezothutho elichaphazelekayo kwaNdlunkulu okanye kwi-ofisi yesithili. Izigunyaziso ezinezitampu zentsusa mazigcinwe kwisithuthi seGG ngawo onke amaxesha yaye mazifumaneke xa zifunwa.

9. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kunokuqhagamshelwana nawo nawaphi na la magosa alandelayo:

   Nksk F Abdou: Inombolo yefoni 021 467 2811
   Nksk C Albertus: Inombolo yefoni 021 467 2794
   Nks A Gana: Inombolo yefoni 021 467 2715
   Nks V Ntshinga: Inombolo yefoni 021 467 2808

10. Okuqulethwe yile setyhula makwaziswe bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-26